# Umvuzo wokonqena isikolo


Ibhalwe ngu Mantombi Evelyn Nxiweni
Izotywe ngu Dale Blankenaar




**IINGCEBISO ZOKUSETYENZISWA KWALA MABALI NGOOTITSHALA NABAZALI**

1. Eli bali lilungele abafundi abaneminyaka esi-**6** ukuya kweli-**8.**
2. Eli bali linamagama angama **317**. Khetha amagama athile wenze amakhadi okufunda ngokusebenzisa iibhokisi ezindala okanye iphepha eliqinileyo
3. Abafundi mabafunde amagama abhalwe kula makhadi bekhwaza.
4. Sebenzisa isibonisi xesha, umakhala ekhukhwini wakho okanye iwotshi ukhangela ixesha alithathileyo umntwana efunda igama ngomzuzu. Bhala encwadini ukhangela ukuba inani lamagama afundwa ngomzuzu ukuba ayanda na iveki zilandelelana.
5. Cela abantwana ukuba bakufundele isiqwenga esinye wandule ukubabuza ukuba ibali eli lingantoni.
6. Sebenzisa umongo webali ukubuza imibuzo ngento eyenzeka ebalini.


UNoxolo ngumama wabantwana abathathu. Amagama abo nguLilitha, Landile noLinda. Bonke babefunda kwisikolo iKuyasa eNgqamakhwe.




ULinda wayesonqena isikolo.
Umama wabo wayevuka ngentsimbi yesihlanu abalungiselele.
Wayebamisela amanzi ashushu okuhlamba, abaphekele nepapa.



“Vukani nihlambe, nitye ningafiki sele singenile isikolo.”
“Linda vuka” watsho umama.
“Mama ndinesisu,” waphendula watsho uLinda.



Kwa oko umama wakhe wakhangela iyeza lesisu.
Yitya isidudu uzokusela iyeza.
ULinda wasela iyeza walala.



Ngentsimbi yeshumi wavuka uLinda wadlala ibhola.
Hayi bo uphilile ngoku!
Ewe mama ndibhetele.
Ngosuku olulandelayo wavuka waya esikolweni.



Emva kweentsuku ezimbini
akavukanga uLinda.
“Yintoni Linda wangavuki?” wabuza umama.
“Mama ndinentloko ebuhlungu,” watsho
uLinda.




“Iqale nini?” wabuza umama.
“Ebusuku mama,” waphendula uLinda.
Wamnika ipilisi yentloko wathi makalale.
Ngentsimbi yeshumi elinanye
wavuka uLinda.



Qhiwu, qhiwu umlenzana, edlala ibhola kusasa.

“Tyhini! wadlala ibhola uphilile ngoku?”, wabuza umama.

“Ewe mama andiva nto.”



“Heke ntombi yam, uyayibona la miphanda?
Thatha iemele uyigcwalise yomithathu
ngamanzi.
Beka loo bhola uyakudlala besakubuya
abanye abantwana.



Ilanga lalo mini laligqatse ubhobhoyi.
Waqala ukugcwalisa imiphanda.
Babuya abantakwabo xa egcwalisa
owokugqibela.






Babuza abantakwabo, “ebengaguli na uLinda mama?”

“Buzani kuye”, watsho umama.

Ngengomso uLinda wavuka wahlamba, watya.

Wayazi indlela ebheka esikolweni.

Bamhleka abantakwabo bathi,
"Linda uyakubona ukonqena isikolo?"
"Ewe ndifunde isifundo."
Wafika esikolweni eshiyekile ezifundweni zakhe.



Kwangoko utitshalakazi wakhe wamnceda.
Wayemkhokela kuyo yonke imisebenzi eyenziwayo.
Wavuya uLinda ezisola ukuba ebesonqena isikolo.
Into eyayivuyisa utitshalakazi yeyokuba wayezimisele.



Waqhubeka ngokusebenza nzima uLinda.
Waphumelela emagqabini ukuphela konyaka.
Ukususela ngoko akazange aphinde asonqene isikolo.
Wayede azivukele engavuswanga ngumama wakhe.



